Isalathiso: 20160524-0708
12/12/45/P
Imibuzo: KuBalawuli beZithili

ISetyhula: 0011/2017
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela Balawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeze*IMG,* nakwiiNqununu nooSihlalo bamabhunga olawulo azo zonke izikolo zikarhulumente

Isishwankathelo esifutshane: *Le setyhula yazisa ngoxwebhu "ISikhokelo saMajelo oNxibelelwano noThungelwano oLuntu kwiZikolo zikaRhulumente, ngo-2017" eNtshona Koloni.*

Isihloko: ISikhokelo saMajelo oNxibelelwano noThungelwano oLuntu kwiZikolo zikaRhulumente, ngo-2017 eNtshona Koloni

1. Ukukhula kwethekhinoloji yeIntanethi nokwanda kwamaqonga onxibelelwano oluntu kwiminyakana edlulileyo kuyitshintshile indlela abantu abanxibelelana nababelana ngayo ngengcaciso.

2. Yakusetyenziswa esikolweni luninzi ngokungenakubalwa uncedo lwayo kubafundi, nakuba kunjalo, oku kusithakala kwemida ngokwasentlalweni okuphakathi kwabasebenzi nabafundi makuphetshwe, njengoko kungakhokelela kwihlazo okanye ekutyhilweni kwezinto ezingafanelekanga.

3. Kuqulunqwe isikhokelo ke ngoko khon' ukuze kwaziswe ngezinto ezingaluncedo nezingangumngcipheko ezinxulumene nezi zixhobo kwanokunika isikhokelo ngosetyenziso lwamajelo onxibelelwano oluntu ngabafundi, abafundi nootitshala, nomzali womfundi kwakunye notitshala kwisikolo sikarhulumente.

4. Esi sikhokelo siqhotyoshelweyo siqulethe le miba ilandelayo:
   (a) Usetyenziso lwamajelo onxibelelwano nothungelwano oluntu
   (b) Ijelo lonxibelelwano loluntu nezemfundo

(c) Iindima nemisebenzi eluxanduva
(d) Iingxaki zamajelo onxibelelwano nothungelwano oluntu
(e) Ithempleyithi yokuyila umgaqo-nkqubo wesikolo wamajelo onxibelelwano nothungelwano oluntu
(f) Nomngcipheko wezokhuseleko onxulumene nokusetyenziswa kwamajelo onxibelelwano nothungelwano oluntu ngabafundi

5. Kucelwa uqaphele ukuba izibhengezo zezopolitiko okanye ngezesondo, okanye ukukhuthazwa kokusetyenziswa kotywala, icuba okanye nazo naziphi iziveliso ezinxulumene nazo azivumelekanga kuwo nawaphi amaqonga onxibelelwano oluntu ezikolo.

6. Kucelwa iinqununu zazise okuqulathwe sesi sikhokelo siqhotyoshelweyo abasebenzi namabhunga olawulo ukuze basithathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-L ELY
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO EBAMBELEYO
UMHLA: 2017-03-17

URhulumente weNtshona Koloni

EzeMfundo

ISIKHOKELO SAMAJELO ONXIBELELWANO NOTHUNGELWANO OLUNTU

KWIZIKOLO ZIKARHULUMENTE NGO-2017

Iziqulatho		Ikhasi
1.	Iinkcazelo	3
2.	Imithetho esisikhokelo	4
3.	Injongo	4
4.	Abantu abachaphazelekayo	5
5.	Intshayelelo	5
6.	Usetyenziso lwamajelo onxibelelwano nothungelwano oluntu	5
7.	Amajelo onxibelelwano oluntu nezemfundo	7
8.	Iindima nemisebenzi eluxanduva	7
9.	Iingxaki zamajelo onxibelelwano oluntu	13
10.	Ukuqwalaselwa kwakhona kwesi sikhokelo	13

Izihlomelo

IsiHlomelo A: Ithempleyithi yokuyila umgaqo-nkqubo wesikolo wamajelo onxibelelwano nothungelwano oluntu

IsiHlomelo B: Umngcipheko wezokhuseleko onxulumene nosetyenziso lwamajelo onxibelelwano nothungelwano oluntu ngabafundi

1. Iinkcazelo

Kwesi sikhokelo, naliphi igama okanye intetho echaziweyo neye yanikwa intsingiselo iqulethe loo ntsingiselo inye ngaphandle kokuba imeko icacisa ngolunye uhlobo:

"ufikeleleko" luthetha ilungelo, ithuba okanye inkxaso-mali, okanye ukufumana ingcaciso;

"umntwana" ubhekisa kumntu oneminyaka engaphantsi kweli-18;

"ukungqwangaza okanye ukubhulisha usebenzisa amajelo onxibelelwano oluntu" kubhekisa ekwenzakaliseni ngabom uphinda-phinda, okwenziwa ngokusebenzisa imiyalezo ethunyelwa ngeekhompyutha, ngeeselula nangezinye izixhobo zeIntanethi;

"amajelo onxibelelwano oluntu" abhekisa kwingqokelela yamaqonga onxibelelwano eIntanethi nezixhobo ezisetyenziswa ngabantu ngabanye, ngamaqela nemibutho ukwabelana ngokuqulathiweyo, ngeeprofayili, ngezimvo, ngamava, ngeengcamango nangemidiya. Avumela ukuba kwenziwe kwaye kutshintshiselwane ngokuqulethwe ngumsebenzisi weso sixhobo; ize

"isayithi yothungelwano yoluntu" ibhekise kwinkonzo yewebhu evumela abantu ngabanye ukuba:

(a) benze iprofayili kawonkewonke okanye iprofayili efikelelwa ngabathile;

(b) bachaze uludwe lwabanye abasebenzisi ababelana nabo ngoqhagamshelwano okanye lwabahlobo; yaye

(c) bakwazi ukujonga nokuncokola nolo ludwe lwabantu okanye lwabahlobo abaqhagamshelana nabo kwanolo lwenziwa ngabanye abantu abakule sistim; uhlobo nesigama esisetyenziswa ngaba bantu okanye abahlobo abaqhagamshelanayo singahluka ukusuka kwisayithi nesayithi.

2. Imithetho esisikhokelo

Constitution of the Republic of South Africa, 1996

United Nations Convention on the Rights of the Child, 1989

South African Schools Act, 1996 (Act 84 of 1996)

Employment of Educators Act, 1998 (Act 76 of 1998)

Western Cape Provincial School Education Act, 1997 (Act 12 of 1997)

Electronic Communications Act, 2005 (Act 36 of 2005)

Films and Publications Act, 1996 (Act 65 of 1996)

Protection from Harassment Act, 2011 (Act 17 of 2011)

Criminal Procedure Act, 1977 (Act 51 of 1977)

Western Cape Government Social Media Policy, 2014

Criminal Law (Sexual Offences and Related Matters) Amendment Act, 2007 (Act 32 of 2007)

Copyright Act, 1978 (Act 98 of 1978)

Children's Act, 2005 (Act 38 of 2005)

Regulation of Interception of Communications and Provision of Communication-Related Information Act, 2002 (Act 70 of 2002) (RICA)

Guidelines on e-Safety in Schools, Department of Basic Education, 2010

3. Injongo

3.1 Esi sikhokelo senzelwe:

(a) Ukunika ulwazi malunga namanye amathuba anikwa luthungelwano ngamajelo oluntu kubafundi, ootitshala, abazali nezikolo kwimeko yemfundo, kuqukwa–

(i) uncedo nomngcipheko ongakho ngokunxulumene nezi zixhobo;

(ii) isikhokelo ngosetyenziso lwamajelo onxibelelwano oluntu phakathi kwabafundi, abafundi nootitshala, kwakunye naphakathi komzali womfundi notitshala okwisikolo sikarhulumente; kunye

(b) nokunceda izikolo zikarhulumente zizenzele eyazo imigaqo-nkqubo ukwenzela ukuba zibe nako ukulawula usetyenziso lwamajelo onxibelelwano nothungelwano oluntu kwizikolo.

4. Abantu abachaphazelekayo

Esi sikhokelo sichaphazela bonke abafundi nabaqeshwa kwizikolo zikarhulumente eNtshona Koloni.

5. Intshayelelo

5.1 Ukukhula kwithekhinoloji yeIntanethi nokwanda kwamaqonga onxibelelelwano oluntu kwiminyakana edlulileyo kuye kwatshintsha indlela abantu abanxibelelana nababelana ngayo ngengcaciso.

6. Usetyenziso lwamajelo onxibelelwano nothungelwano oluntu

6.1 Amajelo onxibelelwano oluntu abandakanya izinto ezinjengezi:

(a) *intatho-nxaxheba* – ngokukhuthaza igalelo nokufumana ingxelo evela kwabanye;

(b) *ukuvuleleka* – ngokukhuthaza ukuvota, izimvo nokwabelana ngolwazi;

(c) *incoko* – ukukhuthaza incoko ebandakanya amacala omabini;

(d) *iqela loluntu* – elenziwa ngabantu abaneemfuno ezifanayo; kunye

(e) *nothungelwano* – ukunxibelelanisa abantu nabanye abantu kunye nemithombo eyahlukeneyo.

6.2 Abasebenzi nabafundi kwizikolo zikarhulumente mabanike ingqwalaselo eyiyo oku kulandelayo xa besebenzisa amaqonga onxibelelwano nothungelwano oluntu:

(a) Njengokuba kunjalo kuzo zonke izixhobo zonxibelelwano ngeIntanethi, ezamajelo onxibelelwano oluntu mazilawulwe zingongameli konke.

(b) Makuqatshelwe umthetho welungelo lokukhuphela (*copyright law*).

(c) Xa imithombo isetyenzisiwe nakanjani na, makunikwe inkcazo ngayo yonke loo mithombo.

(d) Ukutshintsha nawuphi umsebenzi, uluvo okanye into ethunyelwe ngumntu ngaphandle kwemvume yombhali wayo kungangachaphazeli sidima sombhali nje kuphela, koko kungachaphazela namanye amaqela ngokunjalo.

(e) Ukugcinwa kwemfihlelo yokubhaliweyo nobulumko mabusetyenziswe ngobunono (*privacy and circumspection must be responsibly applied*), nanjengokuba nayiphi na into ebhaliweyo isengathunyelwa nakwabanye abasebenzisi kunye/okanye ifakwe/ibekwe kwindawo eya kuthi ibonwe nguwonkewonke.

(f) Makuphetshwe ukutsitywa kwemida phakathi konxibelelwano lwabantu nezomsebenzi kolu thungelwano, nanjengokuba oku kungakhokelela kwiimeko zokuhlazisana kungenjalo kuveze izinto ezingafanele kuvezwa, umzekelo, xa izinto ezinjengokumema, ukuthungelana okanye ukulandelana okwenzeka phakathi kootitshala nabafundi kumajelo onxibelelwano oluntu, ootitshala mabazi ukuba imiba yeprofayili yabo ingafumaneka kwaye zibonakale kwabanye abasebenzisi.

(g) Bonke abasebenzisi bala majelo mabafunde imigaqo yokugcina imfihlelo yabucala kwaye bakuphephe ukwabelana ngengcaciso abebengenakunqwenela ukuba ibe semehlweni kawonkewonke.

(h) Bonke abasebenzisi mabakulumkele ukuthumela imifanekiso nemiyalezo engafanelekanga enokugqwalisa isidima sabo ekuhambeni kwexesha.

7. Amajelo onxibelelwano oluntu nezemfundo

7.1 Xa la majelo esetyenziswa esikolweni, kuninzi kakhulu okuzuzwayo ngabafundi. Oku kuquka, phakathi kwezinye izinto, amathuba okuxhasa imfundo yabo nokubaxhasa ngokwasentlalweni, ngokukodwa:

(a) ukusetyenziswa kwamajelo onxibelelwano amatsha oluntu nolonwabo njengamajelo okufundisa xa abafundi benxibelelana ngeIntanethi ze bafunde izakhono zentlalo nezethekhinoloji eziyimfuneko ekubeni bathathe inxaxheba kwizinto ezenziwa luluntu lwanamhlanje;

(b) iyantlukwano kwiintlobo zolwazi lokusebenzisa amajelo onxibelelwano oluntu njengezixhobo ekunganxityelelwana ngazo zizihlobo kuphinde kuncokolwe ngezinto umntu anomdla ngazo yaye into nganye kwezo ingabanceda abafundi ngokunxibelelana noluntu nezemfundo ekuthatheni inxaxheba kwiimeko zentlalo nezomsebenzi kwixa elizayo; kunye

(c) nokutshintsha kwemo yemfundo apho intatho-nxaxheba kumajelo onxibelelwano oluntu inika amathuba amatsha okufunda anokukhuthazwa zizinto ezenziwa kwimfundo kusetyenziswa izixhobo ezitsha zonxibelelwano loluntu.

8. Iindima nemisebenzi eluxanduva

8.1 Izikolo zikarhulumente kufuneka:

(a) zenze yaye zipapashe umgaqo-nkqubo wosetyenziso lwamajelo onxibelelwano oluntu;

(b) zazise abasebenzisi bekhasi lika*Facebook* lesikolo okanye abasebenzisi beqonga elifana nelo ukuba izimvo ezivakalisiweyo nolwazi ekwabelwana ngalo kula makhasi okanye kula maqonga, zisisinyeliso (*defamatory*), zithoba isidima (*derogatory*), aziyonyaniso okanye ziyakhubekisa, ziya kucinywa ngulowo usingathene nolawulo lwazo (*administrator*).

(c) zichazele abafundi nabaqeshwa ngobaluleko lokuziphatha kakuhle kumajelo onxibelelwano ngeIntanethi;

(d) zichaze ukuba kunini yaye iyeyiphi injongo eyamkelekileyo ngokwasesikolweni emakusetyenziswe ngayo amaqonga onxibelelwano oluntu;

(e) ziqinisekise ukuba izinto ezenziwa kwi-Intanethi zicwangciswe ngootitshala kuphela kwaye zibandakanya iisayithi ezilungele abafundi abakubudala obuthile kuphela;

(f) zifundise abafundi nabasebenzi ngezakhono zokuqiqa nezelitherasi yeIntanethi kwanamanyathelo ezokhuseleko, ukuze bakwazi ukukhanga-khangela iinkcukacha kwi-Intanethi;

(g) zikhuthaze abafundi nabaqeshwa kwizikolo zikarhulumente ukuba baziphathe kakuhle babe nolwazi ngeziphumo ezinxulumene nokusetyenziswa kwamajelo onxibelelwano oluntu;

(h) ziqinisekise ukuba abafundi banolwazi ngeziphumo ezingazibi zokusetyenziswa kweIntanethi;

(i) zifundise abafundi ngokulungelene neminyaka yabo ngemingcipheko yokusebenzisa amajelo onxibelelwano oluntu, ingakumbi xa loo mingcipheko nobo bungozi busenzeka emakhaya nasesikolweni (o.k.t. ukungqwangaza okanye ukubhulisha kusetyenziswa amajelo onxibelelwano), njengoko kuchaziwe kwisiHlomelo B; kunye

(j) nokwazisa abafundi nabasebenzi kwisikolo sikarhulumente ngokuziphatha kwabafundi okanye abasebenzi okusenokungangqinelani neMigaqo yoKuziphatha, nezohlwayo ezingafunyanwa xa kwaphulwe le migaqo yokuziphatha kwimeko apho umaphuli-mthetho efunyaniswe enetyala lokuziphatha gwenxa okanye xa aphule le migaqo ngendlela exhomis' amehlo.

8.2 IKomiti yeZikolo eZikhuselekileyo (*Safe School Committee*)

(a) Zonke izikolo zikarhulumente mazizisekele ikomiti kwiKomiti yeZikolo eZikhuselekileyo yokulawula ukhuseleko lweIntanethi (*e-Safety*).

(b) Le komiti ingabandakanya:

(i) ilungu lekomiti yolawulo lwesikolo;
(ii) umlawuli wenethiwekhi;
(iii) utitshala we-*IT*;
(iv) utitshala – umsebenzi wethala leencwadi/umcebisi/utitshala wezakhono zobomi;
(v) ummeli webhunga lolawulo;
(vi) ilungu lebhunga elimele abafundi; kunye
(vii) nezinye iingcali ezifanelekileyo, apho kuyimfuneko.

(c) Injongo ephambili yale komiti iya kuba kukwenza, ukusebenzisa nokunyanzelisa umgaqo-nkqubo owamkelekileyo wamajelo onxibelelwano oluntu, osekelwe kuMgaqo wokuZiphatha wabafundi nabasebenzi kwisikolo sikarhulumente, kwanokuqinisekisa ukuba:

(i) bonke abathathi-nxaxheba esikolweni bayaziswa ngokubhalwe kumgaqo-nkqubo kwanokungaziziphumo zokungawuthobeli;
(ii) kukhuthazwa abazali ukuthatha amanyathelo afanelekileyo ukuqinisekisa ukuba abafundi bathobela umgaqo-nkqubo ngaphakathi nangaphandle kwesikolo; kwaye

(iii) bonke abathathi-nxaxheba bayaziswa ngazo zonke iintlobo zezehlo ezingazisa isohlwayo noxanduva lokuphendula ngolwaphulo-mthetho olungenzeka.

8.3 Umsebenzi

(a) Xa esebenzisa amajelo onxibelelwano oluntu ngeenjongo zemfundo, loo majelo eIntanethi makathathwe njengokongezelelwa komsebenzi waseklasini ngoko ke makuqatshelwe oku kulandelayo:

(i) Okuvumelekileyo eklasini kwamkelekile nakwi-Intanethi yaye okungavumelekanga eklasini akusayi kwamkeleka nakwi-Intanethi.

(ii) Abaqeshwa mabangatshomani nabafundi kumajelo onxibelelwano oluntu, njengoko kubhaliweyo kumhlathi 6.2, ngaphandle kwakwezo sayithi zenzelwe ngokukodwa iinjongo zomsebenzi.

(iii) Abaqeshwa mabanganxibelelani ngeIntanethi nabafundi ibe ngumfundi nomqeshwa kuphela, kodwa mabakwenze oko neqela labafundi, ngeenjongo zemfundo nokwabelana ngolwazi.

(b) Utitshala kufuneka:

(i) azi ukuba izinto azenzayo kwi-Intanethi zingachaphazela isidima, ukubekeka (*image*) nobudlelane bakhe noogxa bakhe kwanabafundi;

(ii) aziphathe ngokungqinelana nomsebenzi awuqeqeshelweyo abe nembeko ngawo onke amaxesha;

(iii) ahloniphe iimfuno zokwenza izinto ngengqiqo nokugcina okuyimfihlelo ngokumalunga neenkcukacha zabantu, nezinye iinkcukacha ezinobuntununtunu ezinokungakufaneli ukuba kuxoxwe ngazo nowonkewonke;

(iv) azame, kangangoko anako ngokwengqiqo yakhe, ukungathathi cala, aziphathe ngokungqinelana nomsebenzi awuqeqeshelweyo kwimiba ebekiweyo nexoxwayo kumaqonga emfundo okanye kwiisayithi ezenzelwe iinjongo zemfundo;

(v) asuse ngobulumko yonke imathiriyeli ethathwa njengesisithuko kwabanye abantu, engafanelekanga, engeyonxenye yomba

ekuxoxwa ngawo, ekrwada okanye ecaphukisayo kwabo bayifundayo.

8.4 Abafundi

(a) Xa besebenzisa amajelo onxibelelwano oluntu, abafundi mababe nentlonipho, intembeko yaye bangakhathazi mntu.

(b) Abafundi mabazi ukuba naxa kusengaba lula ukusebenzisa amajelo onxibelelwano oluntu, yaye kungaqingqwanga, kukhawuleza kakhulu kwaye kungabizi xabiso lixhomileyo, oko akuthethi ukuba mabangayithobeli imigaqo esetyenziswayo.

(c) Abafundi mabafundisise kakuhle yaye baqiniseke ukuba bayayiqonda imeko yencoko ekwi-Intanethi ukuba ingantoni na phambi kokuba bangene kuyo, ngokukodwa ukwenzela ukuba:

(i) babone ukuba iza kufundwa ngubani;

(ii) baqonde ukuba ingaba kukho isizathu esivakalayo sokuvakalisa izimvo okanye sokuphendula na;

(iii) babhale into abayaziyo engenakubalahlekisa abantu okanye ingabi bubuxoki; yaye

(iv) bavume xa benze impazamo ngezinto abazithethileyo okanye ngeempendulo zabo, baze baphendule kuyo ngoko nangoko.

(d) Abafundi mababelane kuphela ngeenkcukacha okanye ngezimvo ezilulutho, ekwenziwe uphando ngazo nezingeyomfihlelo kwiisayithi zonxibelelwano loluntu.

(e) Abafundi mabafunde ukuthatha uxanduva ngezenzo zabo nokuzibandakanya kwabo kumajelo onxibelelwano oluntu, ngokukodwa ukuba babe noxanduva:

(i) lokufumana imvume yokusebenzisa ilungelo lento yomnye umntu (*third-party*), eyesikolo okanye eyomntu oqeshiweyo (*school or employee intellectual property rights*), kubandakanywa nelungelo

lokukhuphela, amalungelo okukhusela into eqanjwe nguwe (*patents*), iimpawu zorhwebo (*trademarks*) neevidiyo; kunye

(ii) noko bakuqondayo ukuba kuchasene nomthetho ukonakalisa okanye ukutyhaphaza udumasi okanye isidima usomntu yaye kuthathwa njengokungcungcuthekisa umntu ukubeka, ukwabelana okanye ukuthi "*Like*" ("Bayayithanda") into ethile ekumajelo onxibelelwano oluntu enokuchaphazela kakubi (nokuba kungokwasengqondweni, okanye ngokwemizwa nengqondo, okanye ngokwasemzimbeni) omnye umntu.

(f) Abafundi mabakhokelwe:

(i) ekuqondeni imfuno yokukhetha ezona zixhobo zonxibelelwano zifanelekileyo ukunxibelelana ngamava abo ezemfundo nezentlalo; yaye

(ii) bathathe uxanduva bachaze konke ukuziphatha ngokungafanelekanga, okanye izenzo ezingachaphazela kakubi isikolo nabafundi abangoogxa babo.

(g) Abafundi mabakuphephe ukubandakanyeka kwizenzo ezinomngcipheko okanye ukuziphatha ngokungekho semthethweni, ngokukodwa ezi zilandelayo:

(i) ukubandakanyeka kubusela beenkcukacha zomntu;

(ii) ukuthatha inxaxheba kumaziko ewebhu entiyo nonqulo-zithixo (*hate and cult websites*);

(iii) ukuthenga nokuthengisa izinto ezibiweyo;

(iv) ukuchaza iinkcukacha zomntu okanye ukuveza iinkcukacha zemali eziyimfihlelo zebhanki kunye namakhadi ekhredithi abazali ngokusebenzisa iisayithi ezingekho semthethweni ezingakhuselekanga; kunye

(v) nokupapasha iinkcukacha ezinokonakalisa isidima somnye umntu.

9. Iingxaki ngezamajelo onxibelelwano oluntu

9.1 Abafundi mabaziswe ukuba imiyalezo ethunyelwa nge-Intanethi yaze yafakwa kumajelo onxibelelwano oluntu yimiyalezo enokudluliswa okokoko kwaye ingachaphazela kakubi isidima somntu, okanye igama lesikolo okanye leSebe leMfundo leNtshona Koloni.

9.2 Mabazi ukuba makungabikho kulindela ngayo nayiphi indlela ukuba zifihlakale izinto abazifake kwiisayithi zamajelo onxibelelwano oluntu, yaye umntu ngamnye unoxanduva lokuphendula ngamagama awasebenzileyo kunye nezenzo zakhe.

9.3 Abafundi mabakufake engqondweni ukukwazi kwamajelo onxibelelwano oluntu ukufikelela kwihlabathi liphela kwaye xa bethatha inxaxheba kwiisayithi zonxibelelwano loluntu, mabanike izizathu zezinto abazibhalayo okanye bazame ukucutha izinto abazibhalayo ukuqinisekisa ukuba, nokuba babhalela abantu abambalwa, izinto abazifaka kwezi sayithi azifundwa kwaye ziqondakale ngokuphosakeleyo okanye ngokungekho semthethweni.

10. Ukuqwalaselwa kwakhona kwesi sikhokelo

Esi sikhokelo masiqwalaselwe kwakhona xa kukho imfuneko yoko okanye xa iimeko zitshintshile, kuqukwa notshintsho kwimithetho kunye/okanye kwimigaqo nakwiimeko zolwabiwo-mali.

ISIHLOMELO A

ITHEMPLEYITHI YOKUYILA UMGAQO-NKQUBO WESIKOLO WAMAJELO ONXIBELELWANO NOTHUNGELWANO OLUNTU

[Igama lesikolo

Idilesi nenombolo yefoni

Ilogo yesikolo]

UMGAQO-NKQUBO OMALUNGA NAMAJELO ONXIBELELWANO NOTHUNGELWANO OLUNTU, NGO-2017

1. Iinkcazelo

La magama alandelayo aqulethe intsingiselo enye enikwe wona kuxwebhu 'ISikhokelo saMajelo oNxibelelwano noThungelwano oLuntu' (*Guidelines for Social Media and Social Networking*):

"ufikeleleko" luthetha ilungelo, ithuba okanye iinkxaso-mali, okanye ukufumana ingcaciso;

"umntwana" ubhekisa kumntu oneminyaka engaphantsi kweli-18;

"ukungqwangaza okanye ukubhulisha usebenzisa amajelo onxibelelwano oluntu" kubhekisa ekwenzakaliseni ngabom uphinda-phinda okwenziwe kukusebenzisa imiyalezo ethunyelwa ngeekhompyutha, ngeeselula nangezinye izixhobo zeIntanethi;

"amajelo onxibelelwano oluntu" abhekise kwingqokelela yamaqonga onxibelelwano eIntanethi nezixhobo ezisetyenziswa ngabantu ngabanye, ngamaqela nemibutho ukwabelana ngokuqulathiweyo, ngeeprofayili, ngezimvo, ngeembono, ngamava ngeengcamango kwanangemidiya. Avumela ukuba kwenziwe yaye kutshintshiselwane ngokubhalwe ngumsebenzisi weso sixhobo; ize

"isayithi yothungelwano yoluntu" ibhekise kwinkonzo yewebhu evumela abantu ngabanye ukuba:

(a) benze iprofayili kawonkewonke okanye iprofayili efikelelwa ngabathile;

(b) bachaze uludwe lwabanye abasebenzisi okanye lwabahlobo ababelana nabo ngoqhagamshelwano; kunye

(c) nokujonga yaye bancokole nolo ludwe lwabasebenzisi okanye lwabahlobo abaqhagamshelana nabo kwakunye nolo lwenziwe ngabanye abantu abakwisistim; uhlobo nesigama esisetyenziswa ngabahlobo okanye abo kuqhagamshelwana nabo kolu thungelwano singahluka ukusuka kwisayithi nesayithi.

2. Imithetho esisikhokelo

Lo mgaqo-nkqubo usekelwe, phakathi kokunye, phezu kwale mithetho:

Constitution of the Republic of South Africa, 1996

United Nations Convention on the Rights of the Child, 1989

South African Schools Act, 1996 (Act 84 of 1996)

Employment of Educators Act, 1998 (Act 76 of 1998)

Western Cape Provincial School Education Act, 1997 (Act 12 of 1997)

Western Cape Government Social Media Policy, 2014

Electronic Communications Act, 2005 (Act 36 of 2005)

Films and Publications Act, 1996 (Act 65 of 1996)

Protection from Harassment Act, 2011 (Act 17 of 2011)

Criminal Procedure Act, 1977 (Act 51 of 1977)

Criminal Law (Sexual Offences and Related Matters) Amendment Act, 2007 (Act 32 of 2007)

Copyright Act, 1978 (Act 98 of 1978) 1978

Children's Act, 2005 (Act 38 of 2005)

Regulation of Interception of Communications and Provision of Communication-Related Information Act, 2002 (Act 70 of 2002)

Guidelines on e-Safety in Schools, Department of Basic Education, 2010

3. Injongo

Injongo yalo mgaqo-nkqubo:

(a) Kukulawula usetyenziso lwejelo lonxibelelwano nothungelwano loluntu oluse [igama lesikolo].

(b) Kukunika abafundi amathuba okufunda aziswa ngamajelo ngamajelo onxibelelwano (*multimedia*) oko kusenziwa ngenkathalo nentlonipho ukuze kukhuliswe umoya wokufunda nokufundisa esikolweni sethu.

(c) Kukuchaza uxanduva nendlela yokuziphatha elindelekileyo kubaqeshwa, kubafundi nakubazali babo, njengabasebenzisi bamajelo onxibelelwano nothungelwano oluntu, ngokukodwa, umba wokuba:

(i) lonke uluntu oluyinxenye ye- [igama lesikolo] nabameli besikolo mabathathe uxanduva ngokuqulethwe koko bakubhalileyo, bakurekhodileyo, bakubonisileyo, bakufakileyo nabakudlulise ngelntanethi;

(ii) basebenzise ingqiqo nokuhlakanipha ngawo onke amaxesha besenza oku kuchazwe ngasentla kumhlathana (i);

(iii) ukuthatha inxaxheba kumajelo onxibelelwano nakwiisayithi zothungelwano zoluntu kungakhokelela ekwaphuleni imigaqo yesikolo neMigaqo yoKuziphatha yabafundi okanye baphule imithetho ekhoyo; kwaye

(iv) ukusebenzisa okanye ukuthatha inxaxheba kwezi sayithi makungachaphazeli kakubi igama lesikolo.

4. Abantu abachaphazelekayo

Lo mgaqo-nkqubo usebenza kubo bonke abaqeshwa, kubafundi nakubazali babo e- [igama lesikolo].

5. Amajelo onxibelelwano nothungelwano oluntu

Amajelo onxibelelwano nothungelwano oluntu asetyenziselwa:

(a) ukuthatha inxaxheba kunxibelelwano ngelntanethi khon' ukuze wabelane nabantu ngento onomdla kuyo nokufumana okanye ukwabelana ngolwazi;

(b) ukwabelana ngomculo, iividiyo zobugcisa, izimvo, ukusebenzisana emsebenzini okanye kwiingxoxo kunye nokufunda omnye komnye;

(c) ukuhlobana ngokuqhagamshelana nezihlobo onazo nokufumana ezitsha, nokukhuthaza injongo ethile okanye ukuthengisa isiveliso;

(d) ukuvumela abasebenzisi ukuba banxibelelane omnye nomnye kwangoko, ngakumbi kwimeko enxulumene nomsebenzi;

(e) ukuqhubeka ngeenjongo zomsebenzi okanye zomntu lowo ngokuthi abasebenzisi bavakalise izimvo zabo, iimfundiso ezisisiseko *(values*) namava, okanye ngokubhala okanye ukwenza iiSivi ezinomtsalane kwi-Intanethi;

(f) ukuncedisa kwimfundo yobomi bonke nokwenza iqonga labantu oza kusebenzisana nabo.

6. Imiba emayithathelwe ingqalelo kwisikolo sethu

Abaqeshwa, abafundi, nabazali babo e- **[igama lesikolo]** mabanike ingqwalaselo ezi zinto zilandelayo xa besebenzisa amajelo onxibelelwano neesayithi zothungelwano zoluntu:

(a) Njengokuba kunjalo kuzo zonke izixhobo zonxibelelwano ngeIntanethi, amajelo onxibelelwano oluntu makalawulwe ukuze angongameli konke.

(b) Makuthathelwe ingqalelo umthetho welungelo lokukhuphela (*copyright law*) xa kusabelwana ngezinto ezithunyelwayo kuqondwe nokuba ukutshintsha nawuphi umsebenzi, izimvo okanye into ethunyelwe ngaphandle kwemvume yombhali wayo kusenokungachaphazeleki isidima sombhali kuphela, koko kungachaphazela namanye amaqela. Makufunyanwe imvume ngawo onke amaxesha.

(c) Ukugcina imfihlelo nokwenza izinto ngobulumko kuyasebenza nalapha nanjengakwezinye iintlobo zonxibelelwano ezithunyelwa kwabanye abantu kunye/okanye ezifakwa kumajelo aza kufundwa nguwonkewonke yaye imithombo ekufumaneke kuyo iinkcukacha ezo mayichazwe.

(d) linethiwekhi zamajelo onxibelelwano oluntu zidla ngokufundwa ngumsebenzisi kwimiba enxulumene nomsebenzi kwakunye nezobomi bakhe babucala. Oku kusithakala kwemida engenakutsitywa phakathi kwabasebenzi nabafundi kungaveza izinto ezingamahlazo, umzekelo, xa ootitshala nabafundi bememana okanye beqhagamshelana kwijelo lonxibelelwano loluntu, mabazi ukuba imiba ethile yeeprofayili zabo iyafumaneka yaye iyabonakala kwabanye abafundi nakubaqeshwa.

(e) Abasebenzisi bala majelo mabafunde imigaqo engokugcina iimfihlelo bakuphephe ukwabelana ngeenkcukacha abangenakunqwenela ukuba zingachazelwa uwonkewonke.

(f) Abasebenzisi mabakuphephe ukuthumela imifanekiso nemiyalezo engafanelekanga enokutyhaphaza udumasi okanye isidima sabo ekuhambeni kwexesha kubomi babo.

7. Imisebenzi eluxanduva emalunga namajelo onxibelelwano nothungelwano oluntu

7.1 Isikolo

Isikolo masenze kwaye simisele ngokusemthethweni umgaqo-nkqubo wezokusetyenziswa konxibelelwano loluntu ukwenzela ukuba:

(a) sazise abafundi nabaqeshwa ngendlela yokuziphatha efanelekileyo kwijelo ngalinye lonxibelelwano ngeIntanethi; kufundiswe abafundi ngezakhono zokuqiqa nolwazi lokusebenzisa izixhobo zonxibelelwano ngeIntanethi ukuze bakwazi ukukhanga-khangela iinkcukacha ngokukhuselekileyo kwi-Intanethi;

(b) sikhokele abafundi ekuqondeni imfuno yokukhetha ezona zixhobo zifanelekileyo zezemfundo namava ezonxibelelwano oluntu;

(c) siqinisekise ukuba banolwazi ngokungaziziphumo ezibi zokusebenzisa i-Intanethi;

(d) bafundise abafundi ngendlela efanele ubudala beminyaka yabo ngemingcipheko neengozi ezibandakanyekayo kusetyenziso lwamajelo onxibelelwano oluntu, ngakumbi xa eminye yemingcipheko neengozi zisenzekela ekhaya nasesikolweni (o.k.t. ukungqwangaza okanye i-*cyberbulling*);

(e) sikhuthaze abafundi ukuba baziphathe kakuhle kwaye babe nolwazi ngeziphumo ezinxulumene nosetyenziso lwamajelo onxibelelwano oluntu;

(f) sichaze ukuba yintoni eyamkelekileyo ngokusetyenziswa kwala maqonga onxibelelwano oluntu yaye asetyenziswa nini, esetyenziselwa ntoni;

(g) siqinisekise ukuba imisebenzi eyenziwa ngeIntanethi ecwangciswe ngootitshala ibandakanya iisayithi ezifanele abafundi abakwiminyaka yobudala ethile,

(h) sikhokele abafundi ukuba bathabathe uxanduva kwaye baxele isenzo sokuziphatha ngokungafanelekanga, okanye benze izinto ezinokuchaphazela kakubi isikolo nabafundi abangoogxa babo;

(i) sazise abafundi nabaqeshwa ngendlela yokuziphatha enganganggqinelani noMgaqo woKuziphatha wabafundi kunye nezohlwayo ezinokuwiswa ukuba bafumaniseke benobutyala bokuziphatha kakubi okanye ukuziphatha gwenxa ngokuxhomis' amehlo ngokomgaqo nezenzo zolwaphulo-mthetho kumthetho ochaphazelekayo ngokunxulumene nemeko yabaqeshwa;

(j) sichaze inkqubo yeziganeko ezingakhokelela ekuphenduleni ngezenzo zolwaphulo-mthetho;

(k) sivumele iziganeko eziya kunceda ukukhusela imiba echaphazela abantwana;

(l) sazise abafundi nabaqeshwa ngalo mgaqo-nkqubo siqinisekise ukuba umgaqo-nkqubo uxhonywa kwindawo ebonakalayo kwisikolo sonke; kwaye

(m) sifake isihlomelo sokutyikitya somzali ngamnye, utitshala kunye nomfundi.

7.2 IKomiti yeZikolo eziKhuselekileyo (*Safe School Committee*)

(a) ikomiti ekwayinxenye yeKomiti yeZikolo eZiKhuselekileyo e-**[igama lesikolo]** mayilawule ezokhuseleko lwenkqubo ye-Intanethi i-*e-Safety*.

(b) Le komiti ingabandakanya:

[(i) ilungu lekomiti yolawulo lwesikolo;

(ii) umlawuli wenethiwekhi;

(iii) utitshala we-*IT;*

(iv) utitshala – umsebenzi wethala leencwadi/umcebisi/utitshala wesifundo sezakhono zobomi;

(v) ummeli webhunga lolawulo;

(vi) ilungu lebhunga elimele abafundi; kunye

(vii) nezinye iingcali ezifanelekileyo, apho kunako ukwenzeka.]

(c) Olona xanduva luphambili lweqela iya kuba kukwenza, ukuphumeza nonyanzeliso lomgaqo-nkqubo wamajelo onxibelelwano oluntu owamkelekileyo, osekelwe kuMgaqo woKuziphatha wabafundi nabaqeshwa base **[igama lesikolo]** kwanokuqinisekisa ukuba:

(i) bonke abathathi-nxaxheba base- **[igama lesikolo]** baziswa ngokubhalwe kumgaqo-nkqubo kwaneziphumo ezinokulandela usakungathotyelwa;

(ii) kukhuthazwa abazali ukuba bathathe amanyathelo afanelekileyo ukuqinisekisa ukuba bayawuthobela umgaqo-nkqubo ngaphakathi nangaphandle kwemida yesikolo; kwaye

(iii) bonke abathathi-nxaxheba baziswa ngeentlobo zezehlo ezingabazisela izohlwayo nokuphendula ngolwaphulo-mthetho olunokwenzeka.

7.3 Uxanduva lomfundi
Abafundi mabafundiswe:

(a) ukuhlala beqonda ukuba amajelo onxibelelwano oluntu anabele kwihlabathi lonke yaye xa bethatha inxaxheba kwiisayithi zonxibelelwano loluntu, mabanike izizathu ngezinto abazibhalayo okanye bazame ukucutha ngokufanelekileyo izinto abazibhalayo;

(b) xa besebenzisa amajelo onxibelelwano, mababe nentlonipho, intembeko, bangakhathazi mntu, bacokise kwaye benze izinto ekuhleni;

(c) bakhumbule ukuba noxa kulula, kungabizi kakhulu yaye kukhawuleza ukunxibelelana ngamajelo onxibelelwano oluntu, le miyalezo yeIntanethi ziirekhodi ezisisigxina, ezigqithiselwayo ezinokusichaphazela isidima sesikolo;

(d) bafumane imvume yokusebenzisa ilungelo lento yomnye umntu, eyesikolo, eyomntu oqeshiweyo (*intellectual property rights*), kubandakanywa ilungelo lokukopela (*copyright*), ubunini bezinto eziqalwe ngabantu (*patents*), iimpawu zorhwebo (*trademarks*) kunye neevidiyo.

(e) bazi ukuba akungqinelani nomthetho:

(i) ubandakanyeko kubiwo lweenkcukacha zomnye umntu*;*

(ii) ukuthatha inxaxheba kwiiwebhusayithi zentiyo okanye zonqulo-zithixo (*hate or cult websites*);

(ii) ukuthenga okanye ukuthengisa izinto ezibiweyo kumaziko ewebhu;

(iii) ukuchaza iinkcukacha yabucala okanye ukuchaza iinkcukacha eziyimfihlelo zemali ezinjengeebhanki zabazali neekhredithi khadi kunye nokusebenzisa iisayithi ezingumgunyathi ezingakhuselekanga (*unsecured bogus sites*); kunye

(v) nokupapasha iinkcukacha ezinokonakalisa isidima somnye umntu; kukwathathwa njengokungcungcuthekisa umntu ukwenza into abayaziyo ukuba ingachaphazela kakubi, nokuba kungokwasengqondweni okanye ngokwasemzimbeni, omnye umntu.

7.4 Uxanduva lomqeshwa

(a) Umqeshwa makangabi nanxibelelwano lungqalileyo nomfundi omnye ngeIntanethi, koko makanxibelelane neqela labafundi ngenjongo yokufundisa okanye ukwabelana ngolwazi.

(b) Umqeshwa makangaze ameme okanye alandelane nabafundi kumajelo onxibelelwano oluntu, ngaphandle kwakwezo sayithi ezenzelwe ngakumbi iinjongo zomsebenzi bekwenze oko beliqela.

7.5 Uxanduva lukatitshala

Utitshala:

(a) makacebise abafundi bakuqonde ukuba okuvumelekileyo eklasini kwamkelekile nakwi-Intanethi; nakuphi na okungavumelekanga eklasini. akusayi kuvumeleka nakwi-Intanethi.;

(b) makabe nolwazi lokuba ukuncokola nge-Intanethi kungachaphazela isidima sakhe kwanentsebenziswano yakhe nabanye ootitshala kunye nabafundi;

(c) makenze umsebenzi ngokwendlela ayiqeqeshelweyo abe nentlonipho xa enxibelelana nabanye kwi-Intanethi;

(d) makahloniphe iimfuno zokusebenzisa ingqiqo nokugcina imfihlelo ngeenkcukacha zabantu, neengcombolo ezinobuntununtunu ekungenakufaneleka ukuba zingaxoxwa nowonkewonke;

(e) makazame, ngokukhokelwa yingqiqo, ukungathathi cala yaye enze umsebenzi ngokwendlela ayiqeqeshelweyo kwimiba ebekiweyo nexoxwayo kumaqonga ezemfundo okanye kwiisayithi ezenzelwe imiba yemfundo; yaye

(f) asuse yonke imathiriyeli esisithuko kwabanye abantu, engafanelekile, engeyonxalenye yomba ekuxoxwa ngawo, ekrwada okanye ecaphukisayo kwabo bayifundayo.

8. Ukungathobeli imigaqo

Ukungathotyelwa kwemigaqo ngabafundi nabaqeshwa makusingathwe ngokulandela iMigaqo yoKuziphatha yesikolo yabafundi, umthetho i-*Employment of Educators Act*, *1998* (*Act 76 of 1998*) kunye nomthetho i-*Public Service Act, 1994* (*Proclamation 103 of 1994*).

9. Ukuqaliswa kokusetyenziswa kwalo mgaqo-nkqubo

Chaza **[okuthile kwenziwa ngubani, esenza ntoni, ekwenza nini oko njani]**, yaye ufakele **[abafundi kunye nabazali imbalelwano]**.

10. Umhla wokuqaliswa kokusetyenziswa kwalo mgaqo-nkqubo

[……]

…….. ……

USihlalo: weBhunga loLawulo **INqununu**

……

UNobhala weBhunga loLawulo

IMINGCIPHEKO YEZOKHUSELEKO ENXULUMENE NOSETYENZISO LWAMAJELO ONXIBELELWANO NOTHUNGELWANO OLUNTU NGABAFUNDI, NGO-2017

1. Intshayelelo

1.1 Ukukhula ngokukhawuleza kokufikeleleka kweesayithi zonxibelelwano zekhompyutha, iisayithi zonxibelelwano zoluntu nokufikelela okwandileyo kwiifoni kuzise iindlela ezinamandla zokwabelana ngeenkcukacha zeIntanethi eMzantsi Afrika.

1.2 Nakuba kunjalo, la maqonga eIntanethi kwakhona enze indawo ekuqhubekela kuyo imingcipheko emininzi kwi-Intanethi.

1.3 Lo gama zininzi kakhulu izinto eziluncedo ngosetyenziso lwethekhinoloji yonxibelelwano yoluntu, kuqukwa:

(a) uthungelwano loluntu oluyinzuzo;

(b) ukudala amathuba enkxaso kwezemfundo nezentlalo; kunye

(c) nokuphicotha ukuba ungubani wena kwanokwabelana ngeenkcubeko ezahlukeneyo (*cross-cultural interactions*), amajelo onxibelelwano oluntu angenza abafundi bafumane ukuba semngciphekweni kakhulu abebengasokuze badibane nawo.

2. Imingcipheko enxulumene namajelo onxibelelwano nothungelwano oluntu

Kuba ixesha elininzi izinto ezikwi-Intanethi zingahluzwa kwaye zingabekwa esweni zingadala ukuba abafundi bagaxeleke kwiingozi ezininzi, ezinye zazo zichazwe ngokufutshane apha ngezantsi.

2.1 Ukungqwangaza okanye ukubhulisha kusetyenziswa amajelo onxibelelwano nothungelwano oluntu

(a) Laa nto yokubhulisha eyenzeka ubuso ngobuso sele ngoku idlulele nasekubeni ukungqwangaza okanye ukubhulisha okwenzeka ubuso ngobuso budlulela kubantu abazanayo nabangazaniyo abakumaqonga eIntanethi.

(b) Noxa ukungqwangaza okanye ukubhulisha kukudala kukhona phambi kokufika kweefoni eziziimobhayili neeWebhu zeHlabathi Liphela (*World Wide Web*), la majelo mabini ayinwenise ngakumbi le ngxaki ngokudala iqonga elitsha lokungqwangaza okanye lokubhulishwa.

(c) Xa ukungqwangaza okanye ukubhulisha kusenziwa ngeefoni okanye ngeIntanethi, ukungqwangaza okanye ukubhulisha ngefoni kwenziwa lula kukuba umntu angazichazi ukuba ungubani nokuba kude kwakhe kwixhoba lakhe.

(d) Oku kuye kwangumngcipheko wezokhuseleko eMzantsi Afrika kumakhwenkwe namantombazana angamaxhoba okuchwechwelwa ngeIntanethi (*online stalking*), ukungcungcuthekiswa nokungqwangaza okanye ukubhulishwa ngeIntanethi (*cyberbulling*), oko kudala uxinzelelo lomphefumlo; olwenziwa kakhulu ngeentetho ezishicilelweyo zeefoni, ngemiyalezo ebhaliweyo nemiyalezo abayifumana kwangoko *(text messages and instant messaging*).

2.2 Ubundlobongela

Eli gama lithi, "ubundlobongela" kufuneka liqondwe ukuba libandakanya isiphumo nemfuno yokujongana neentlobo zobungozi ezingenzeki mzimbeni okanye ezingenanjongo yakwenza bungozi ezifana nokungahoyi, ukuphatha kakubi kunye nangakumbi, ukuhlukumeza ngokwasengqondweni. Oku kuquka ukungqwangaza okanye ukubhulisha ngokwasengqondweni nokuntlondwa ngokugqithisileyo ufakwa kubulungu beqela (*hazing*) okwenziwa ngabantu abadala okanye ngabanye abantwana; kuqukwa oko kwenziwa ngeethekhinoloji zengcaciso nonxibelelwano ezinjengeeselula neIntanethi (ekwaziwa ngokuba yi-*cyberbullying*).

2.3 Ukuthumela imiyalezo yamanyala (*Sexting*)

(a) Ukuthumela imiyalezo yamanyala (*sexting*) sisenzo sokuthumela imifanekiso okanye iividiyo zabantu abahambe ngaze okanye abanganxibanga ngokupheleleyo nemiyalezo erheshayo yezesondo (*sexually suggestive messages*) kusetyenziswa imiyalezo yeefoni eziziimobhayili yezesondo okanye imiyalezo ethunyelwa ngoko nangoko (*mobile phone texting or instant messaging*.

(b) Olu lulwaphulo-mthetho lunesohlwayo ngokomthetho waseMzantsi Afrika xa le miyalezo ithunyelwa kubantwana abaneminyaka engaphantsi kweli-16.

2.4 Imifanekiso neevidiyo zesondo nezokuxhatshazwa kwabantwana

(a) Ukufikelela nokusebenzisa amajelo onxibelelwano oluntu kunika amathuba okuba abantwana babone imifanekiso ephazamisayo, enobungozi nengafanelanga iminyaka yabo kwi-Intanethi.

(b) Nakuba kunjalo, mvanje urhulumente wenze iinzame zokukhusela abantwana kwiinkcukacha ezinobungozi ngokuthi enze umthetho weeselula othintela ukuhanjiswa kwemifanekiso yabantu abahamba ngaze owenza ukuba kube yinto engekho semthethweni kubasebenzisi beeselula ukuhambisa imifanekiso yabantu abahamba ngaze nabenza amanyala beyithumela ngeeselula, okanye ukuyivumela ukuba ithunyelwe, ngelokuqinisekisa ukhuseleko lwabantwana namabhinqa.

2.5 Ukuthetha nokuhlangana nabantu ongabaziyo

(a) I-Intanethi yenza ukuba abantu babelane ngeengcinga noko bathetha ngako bengazanga badibana ubuso ngobuso.

(b) Ukwabelana ngolwazi nokuncokola nge-Intanethi kudla ngokukhokelela ekubeni abantu bafune ukubonana ubuso ngobuso.

(c) Le nkqubo ineziphumo ezibi ngokungakholelekiyo kubantwana abathatha isigqibo sokuhlangana ubuso ngobuso nezihlobo zabo abadibene nazo kwi-Intanethi.

(d) Oku kunika ithuba lokuba kuvele imingcipheko ethile, enjengokuba, abo bafundi basengavunyelwa ukuba bangene kula maqonga eIntanethi ngokungachazi nyaniso ngeminyaka yabo kwi-Intanethi, ukanti nabantu abadala nabo abasenokungathethi nyaniso ngeenkcukacha kwaneminyaka yabo bazenze ulutsha olusafikisayo (*teenagers*), baze ngokwenjenjalo, bamilisele ubudlelane ngeIntanethi obunobungozi nomntwana ongacingelanga nto.

2.6 Ukunyiba imbono yomnye (*plagiarism*) noxanduva lomntu ngamnye

(a) Abantu abatsha abakopa ze batshintshiselane ngeefayili zomculo, "bathathe ingcaciso injalo" yee-asayinimenti ekufuneka ukuba bazenze ekhaya, benyiba imisebenzi yabanye abantu, okanye ukuyithenga injalo loo asayimenti "kwiisayithi zobuqhetseba" ("*cheating sites*") kwi-Intanethi,

bengawuthatheli ngqalelo umthetho welungelo lokukhuphela (*copyright law*) obhekisela kwi-Intanethi kwaye banegalelo kwizenzo zolwaphulo-mthetho ezinjengokusebenzisa umculo wabantu ngomgunyathi (*pirating*), imifanekiso, iividiyo neenkqubo zekhompyutha (*software* ngokungekho semthethweni nokungathembeki.

(b) Kufuneka umntu afumane imvume ebhaliweyo ukusebenzisa ipropati yengqondo yomnye umntu okanye amalungelo ento eyenziwe yomnye umntu, abandakanya amalungelo obunini, aweempawu, iifoto, iividiyo nezinye izinto ezingaphathekiyo.

(c) Kunyanzelekile ukuba umsebenzisi afumane imvume phambi kokuba afake iifoto okanye iividiyo zabanye abasebenzisi bamajelo onxibelelwano kwi-Intanethi.